UNtsapho lukhozi olikrelekrele nolunamandla. Wayethanda ukubhabha ajikeleze umlambo iTsitsa. Wayeqhele ukubhabha phezu kwamasimi ombona ekhangela ukutya.





UKhozana unyana  kaNtsapho wayegula.  “Unyana wam uyagula”. Watsho elusizi.  UNtsapho uxhalabile ngoku kugula konyana wakhe.

“Ndingenza ntoni?” UNtsapho uyacinga

Ndiza kumsa kugqirha uTyamzashe.  UTyamzashe ngugqirha olungileyo onamava. Wazi banzi ngezifo nezigulo ezininzi.





UGqirha Tyamzashe uxilonga uKhozana.
“Sisifo esiyingozi kakhulu esi,”

“Ndingenza ntoni?” Wabuza uNtsapho.

Iindaba ezimnandi zezokuba unyana angalufumana unyango. Kudingeka ufumane ingcambu yekhala. Eli khala lifumaneka kumasimi ombona.



Wakhawuleza wabhabha uNtsapho esiya kulaa masimini ombona.



Wathi esabhabha ejikeleza amasimi wabona into enenkangeleko yekhala. Xa kanye eqala ukuthi vu waqaphela ukuba ayililo. Waqhubeka waya phambili ebhabha ekhangela.

Kwathi gqi uThembeni intethe watsiba wathi vu etyeni.

“Ukhangela ntoni Ntsapho?”

“Ndikhangela ikhala elibomvu.”

UThembeni wakhokelela emkhangelisa walandela uNtsapho.  Bafika kwindawo akhula kuyo la makhala kude kufuphi nomlambo iTsitsa.



“Unyana wam uzakuphila  namhlanje.  ndilifumene ichiza lesi sifo.” Waqala ukutsala isityalo ngethemba lokusifumana neengcambu zaso..



Umhlaba wawome kakhulu nto leyo yamenza wakhawuleza ukudinwa.

UNtsapho wasokola ukutsala isityalo. “Mandikuncedise,” watsho uThembeni. UNtsapho wacinga uThembeni mncinci kakhulu ukuba amncede.

Bobabini bagrumba.





UNtsapho wasebenzisa iinzipho zakhe ezomeleleyo ukutsala  isityalo. Bhulukuqu! Wayo kuwa esithe qhiwu ngenyawo isityalo.

Wamhleka uThembeni.

Ngesaquphe wathi vumbululu uNtsapho wabhabha enemincili. Wabhabha wagoduka ephethe isityalo ngomlomo.





UThembeni washiyeka emangalisiwe engonelisekanga. “UNtsapho lo akanambulelo!” Naye watsiba wabhabha wemka.

UNtsapho wafika kuGqirha Tyamzashe wamnika ingcambu. Wathi makayibilise ayipholise ayiseze uKhozana.





UKhozana wagongqoza iyeza, waphila.  Wavuka emandlalweni waphaphazela eziva esempilweni.

“Yazi ndilibele ukubulela uThembeni. Watsho uNtsapho

UKhozana nomama walo lwabhabha lwabuyela kumasimi ombona. Bamfumana apho uThembeni, bambulela.

